

Vuk'uzenzele



Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English/isiXhosa

EyeSilimela 2021 Ushicilelo 2



Dreams
come
true for
Tafelkop
community
Page 4



Solar power
energises
Stellenbosch's
bright minds

Page 8

Alert Level 2 to spare lives and health facilities



South Africa has been placed on Adjusted Alert Level 2, as government introduces measures to delay the third wave of the virus.

Addressing the nation recently, President Cyril Ramaphosa said after several months of low transmission, the number of Coronavirus Disease (COVID-19) infections has risen sharply in several parts of the country over the past month.

"The provinces of Free State, Northern Cape, North West and Gauteng have reached the threshold of a third wave of infections.

"It may only be a matter of time before the country as a whole will have entered a third wave," the President warned.

Health protocols

According to health experts, the rise in new infections is because of an increase in social gatherings where people are not observing health protocols.

These protocols include wearing masks, social distancing, ensuring adequate ventilation and limits on the number of people who attend gatherings.

Other sites of increased transmission are funerals and so-called 'after tears' parties, as

Cont. page 2



To read Vuk'uzenzele download the GOVAPP on:



Search for SA Government on Google playstore or appstore

CONTACT US

Website: www.gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za
Tel: (+27) 12 473 0353

Tshedimosetso House:
1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 00083



Vuk'uzenzele



@VukuzenzeleNews

FREE COPY NOT FOR SALE



Iinzame zoMzantsi Afrika zokufezekisa umbono woMgaqo-siseko

Kwiminyaka engama-60 eyadlulayo, ngomhla wama-31 kuCanzibe 1961, uMzantsi Afrika wobandlululo waba yiriphabliko, waphelisa ubudlelwane bawo kunye nobuBukhosibaseBritane.

Ngelixa 'iriphabliko' ichazwa ngokubanzi njengelizwe apha igunya elongameleyo lisezandleni zabantu nakubameli babo abanyuliwego, oku kwakungekho njalo eMzantsi Afrika.

Umgao-siseko weriphabhliki yobandlululo wathembisa umbuso kuThixo, "ohlanganise ookhokho bethu kwimihlabo emininzi kwaye wabanika oku njenge mihihlabo yabo".

Yaying umgaqo-siseko owawubhalwe ligcuntswana labantu abanobuhlanga kwaye ubhalelwia igcuntswana labantu abanobuhlanga, kwaye wawusebenzisa ukholo ukukhusela imbandzel. Wawucacisa ngolawulo lukanhulumente, ugxinisua ukuba ngabantu abamhlophe kuphela abanelungelo lokuvota kwaye basebenze njengabameli boluntu. Wawungaqlathanga uMqulu wamaLungelo Oluntu.

Isininzi selizwe siye sahli-selwa kwindawo ephantsi ngasekupheleni kwezibonelelo zalo ezili-121, kwicandelo elibizwa ngokuba 'lu-Lawulo lweMicimbi yeBantu, njl njl.'

Kumyalezo owawusasazwa kumabonakude, iNkulumbuso u-HF Verwoerd wathi: "Sifuna ukukhula ngokuthe chu kwiqela ngalinye lethu kwicala elithile. Apha isisombululo sifunyenwe ngokuphandle ngokuthi kugcinwe ukukhokela komntu

omhlophe."

"Siyavuya kakhulu ukuba singabantu abamanyeneyo," wabhengeza kwihihlabathi.

Kodwa inyani yayikukuba sasingengobantu abamanyeneyo.

Sasingabemmi belizwe apha amalungelo omntu, amathemba kanye nexesha elilindelekileyo lokuphila ubomi zazimiselwa buhlanga bomntu.

Kangangeminyaka engamashumi amabini, Umthetho woMgaqo-siseko we-Riphabhliki yoMzantsi Afrika ka-1961 waba yinkuthazo esemthethweni kwingcinezelo yoluntu loMzantsi Afrika olumalunga ne-90%.

Esi sikhumbuzo singonwabisyo senzeka ngenyanga enye esasibhiyozela ngayo isikhumbuzo seminyaka engama-25 sokwamkelwa siSigqeba soMgaqo-siseko omtsha wentando yesininzi, nesaba sisiqinisekiso soku-zalwa sesizwe esimanyene ngokwenene.

Ngoku sinomthetho omnye wesizwe esinye.

Sisonke, sizikhethete inkqubo yoburhulumente enikezela ngentsingiselo yokwenyani kwingqiqo yeRiphabhliki.

Sithe kwiriphabliko yethu yentando yesininzi, wonke umntu uyalingana phambi komthetho kwaye unelungelo lokhuseleko kanye nokuxhamla ngokulinganayo emthethweni.

UMzantsi Afrika namhlanje lilizwe apha ulawulo lwebulungisa lusezandleni zeenkundla ezizimeleyo kwaye icandelo leenkundla lixomekeke kuMgaqo-siseko kuphela. Siphila kwilizwe apha wonke umntu anelu-

omhlophe."

"Siyavuya kakhulu ukuba singabantu abamanyeneyo," wabhengeza kwihihlabathi.

Kodwa inyani yayikukuba sasingengobantu abamanyeneyo.

Sasingabemmi belizwe apha amalungelo omntu, amathemba kanye nexesha elilindelekileyo lokuphila ubomi zazimiselwa buhlanga bomntu.

Kangangeminyaka engamashumi amabini, Umthetho woMgaqo-siseko we-Riphabhliki yoMzantsi Afrika ka-1961 waba yinkuthazo esemthethweni kwingcinezelo yoluntu loMzantsi Afrika olumalunga ne-90%.


Esi sikhumbuzo singonwabisyo senzeka ngenyanga enye esasibhiyozela ngayo isikhumbuzo seminyaka engama-25 sokwamkelwa siSigqeba soMgaqo-siseko omtsha wentando yesininzi, nesaba sisiqinisekiso soku-zalwa sesizwe esimanyene ngokwenene.

Ngoku sinomthetho omnye wesizwe esinye.

Sisonke, sizikhethete inkqubo yoburhulumente enikezela ngentsingiselo yokwenyani kwingqiqo yeRiphabhliki.

Sithe kwiriphabliko yethu yentando yesininzi, wonke umntu uyalingana phambi komthetho kwaye unelungelo lokhuseleko kanye nokuxhamla ngokulinganayo emthethweni.

Xa urhulumente wobandlululo equlunqa ngempumelelo umgaqo-siseko wakhe wobuhlanga kwihihlabathi kwiminyaka engama-60



eyadlulayo, wabanethemba elikwindawo engeyiyi awayenokuhlangabezana nalo.

Kwincwadi engaphendulwanga eya ku-Verwoerd kwinyanga engaphambi kokubhengenza kweriphabhliki, uNelson Mandela waqinisekisa ukuba umbutho wenkululeko uzokukwala ukunyanzelwa kweriphabhliki yabantu abamhlophe.

Uthe awukho uMgaqo-siseko okanye uhlobo lukanhulumente ogqitywe ngaphandle kokuthatha inxa-xheba kwabantu base-Afrika abanokonwabela ukuphathwa ngokufaneleko.

Ngokwenene ayikho inkqubo eyomeleza ukwaliwa ngokulandelelanayo kwamalungelo abantu anokugcinwa.

Nangona bekunokuba ngokuhululekileyo ekuxhaseni ezentlalo, ezopolitiko kanye nezinye izizathu naphina.

Ixesha lethu lomgaqo-siseko libhekiselele kurhulumente othathela kuye uxanduva, apha Ibhunga labaphathiswa liphendula ebantwini nala-pho iPalamente imele abantu.

Lilizwe apha umthetho usebenza ngokulinganayo nakomphi na ummi. Ngoku sinorhulumente wabantu, owenzelwe abantu, nowenziwe ngabantu.

Xa urhulumente wobandlululo kumgqomo wembali, sazibophelela kuMgaqo-siseko omtsha nakwimilinganiselo emitsha yokuziphatha.

Xa ndandithetha neNdlu yoMgaqo-siseko kwiminyaka engama-25 eyadlulayo, ndathi uMgaqo-siseko wethu mawube ngaphezulu kwamagama asephepheni; kufanele ukuba ubeyinyani kubomi babantu bethu.

Ngaphandle kokuba senze njalo, olu xwebhu lunenkqubela-phambili no-luguqulayo luzakuthathwa njenge lingenamsebenzi nelingenantsingiselo.

Sagqiba kudala ukuba sifuna ukuba luluntu olunjani. Luluntu olumiliselwe kwisidima somntu, uku-lingana, inkululeko kanye nokungabandlulul.

Kangangekota yeminyaka eyikhulu sisebenzele ukwakha uluntu olunjalo. Senze inkqubela engenakuphikwa, kodwa sisenemiceli-mngeni emininzi kwaye usemninzi umsebenzi ekusafuneka wenziwe.

Njengokuba sibhiyozela isikhumbuzo sokwamkelwa koMgaqo-siseko wethu wentando yesininzi, masikhumbule ukuba laliyintoni ikhefu eliqinisekileyo lenkqubo eyayixhaswa buhlanga, ukuxhatshazwa, ukuhluthwa kanye nengcinezelo eyayikhona ngaphambil.

Masikhumbule kananja-lo ukuba kuxhomekeke kuthi ukwenza umbono oqulathwe kuMgaqo-siseko wethu ukuba ubeyinyani.

Kungenxa yokuqinisekisa kuphela ukuba bonke abemmi boMzantsi Afrika banakho ukuwasebenzisa ngokukhululekileyo nangokugqibeleleyo amalungelo abo omgaqo-siseko, apha siya kuthi ngokwenene sibe ngabantu abamanyeneyo. 3

Amaphupha azalisekile kuluntu lwaseTafelkop

Iqela labalimi baseTafelkop eGroblersdal, eLimpopo, ngabanini abanebhongo beehektare eziyi-189 zomhlaba, ababelima kuwo kule minyaka ingama-25 idlulileyo.

Aba balimi bangama-30 bafumene iziqinisekiso zetayitile kuMongameli uCyril Ramaphosa emva kokuba iSebe lezeMisebenzi yoLuntu neziSeko ezingu-Ndoqo liwugqithisele ngeenjongo zokwabiwa komhlaba ngokutsha.

Lo mhlaba unexabiso elingaphezulu kwamashumi amabini anesihlanu anesi-qingatha sezigidzeerandi (ama-R25.5 seezigidi) kodwa unikezelwe kubalimi simahla.

"Ngokwenene olu lusuku olukhulu kuluntu lwaseTafelkop, kubantu baseLimpopo, nakuMzantsi Afrika uphela.

"Namhlanje sibona iphupha loluntu lizaliseka. Lo ngumbono olu luntu luchithe le minyaka ingama-25 idlulileyo lusilwela ukuze liwubone uzalisekiswa," utshilo uMongameli kumsitho wokunikezela ngomhlaba.

Aba balimi bebelima nge-pumelelo iimveliso ze-zolimo ezahlukeneyo ukusukela ngowe-1996.

Baququzela bahlanganisa-na ngeminyaka yama-1990 ukuba babhalise njengabalimi bezorhwebo phantsi koMbutho waBalimi baseTafelkop baze baqalisa ukuthethana norhulumente.

Ngonyaka wama-2000, iSebe lezoLimo leSizwe lelo xesha langena kwizivume-lwano zokuqeshisa kunye noMbutho waBalimi base-Tafelkop ngokwenkubo yoKwabiwa ngokuTsha koMhlaba kwiNkqubo yoPhuhliso lwezoLimo.

Ngonyaka wama-2009, elalisakuba liSebe lezoLimo eLimpopo lacebisa iSebe le-Misebenzi yoLuntu ukuba lo mhlaba ugqithiselwe kwababalimi.

Ezi tayitile zabhaliswa ngamagama waba balimi



UMongameli uCyril Ramaphosa ekunye nabalimi baseTafelkop, eLimpopo, abasandula kufumana iziqinisekiso zetayitile zomhlaba abalima kuwo.

ekualeni kwalo nyaka.

Lo mhlaba ngoku usetyennzisewa ukulima icuba, umqaphu kunye nemveliso entsha.

Ngamakhaya angamashumi amathathu anesibini axhaswa ngulo mhlaba kunye nemisebenzi yoku-lima ebonelela ngomsebenzi abasebenzi abasisigxina abali-128 nabasebenzi abafe-lela kuma-320 abasebenza ngamaxesha athile.

Ubulungisa kolu luntu

UMongameli uthelo luntu lunyamezele ubunzima obuninzi kule minyaka idlulileyo kwaye "iitayitile zi-zisa ubulungisa kolu luntu Iwahluthwa umhlaba".

"Asikulibalanga ukuhlu-thwa komhlaba, ukubiwa komhlaba kunye nokususwa kwabantu ngenkani abathe abantu bale ndawo kunye noluntu oluninzi kweli lizwe liphela ekwakunyanzeleke ukuba lukunyamezele.

"Asiyilibelanga imvelaphi engqwabalala yokulima apha eLimpopo, apho abahlali basezifama banyanze-Iwanengkani ukuba baqeshe indawo yokuhlala ngokuthi babe ngabasebenzi kumhlaba wookhokho babo, kwaye bengavunyelwa ukuba babe nomhlaba wokondla

iintsapho zabo okanye wotyisa imfuyo yabo."

Wongeze ngelithi abasebenzi abamnyama basezifama babexhatshazwa kwaye be-phathwa kakubi kwindawo eyayisaziwa njengomNtla Transvaal ngaphambili.

"Sikwakhumbula nendlela urhulumente wocalucalulo awayexhasa ngayo abalimi abamhlophe ngezixhobo, ngenkxaso yezobugcisa kunye nokufikelela kwimalimboko yokwakha amashishini wabo, kodwa abalimi abamnyama basokola ukuze baphile."

Ukuguqula ushishi-no lwezolimo

UMongameli uthelo ukugqithiselwa komhlaba kukhu-thaza kuvuselela ithembakuba kubonisa ukuba ngenkxaso elungileyo kunye nokunikwa amathuba, ushishino lwezolimo lunoku-guqulwa ukuze kuzuze eli lizwe.

"Sibhiyozela inkqubela phambili yethu, kuba umhlanzolo iNkqubo yokuBuyiselwa koMhlaba iya isiba namandla.

"Ukuza kufikelela ngoku, urhulumente wabe ngokutha umhlaba ongapezulu kwezigidi ezintlanu zeehektare, ofikelela kwiifama ezimalunga nama-5 500 zizo-

nke, zabalelwaa ngapezulu kwabaxhamli abangama-300 000."

Ukuza kufikelela ngoku, inkqubo yokubuyiselwa komhlaba ixhamlise ngapezulu kwezigidi ezibini zababangi bomhlaba kwaye ikhokelele ekugqithiseweni kwe-2.7 sezigidzeerectare.

"Ukubuyiselwa komhlaba akwenziwa nje ngenxa yoku-lungisa intswela-bulungisa yangaphambili, ubulungisa kunye nokumanyana koluntu. Kukwalungisa nophuhlisiloso lwezoqoqosho. Ezolimo kunye nomxokolelwane wezolimo zinakho kwaye kufuneka ziguqle uqoqosho lwasemaphandleni," utshilo uMongameli uRamaphosa

URhulumente uceba ukuseka i-archente yokubuyiselwa komhlaba kunye nohlaziyo lwezolimo ukukhawulezisa ukubuyiselwa komhlaba.

"Sikhangelu ukuba ibisebenza kangakanani na imigaqo-nkqubo yethu yangaphambili. Siza kuwulungisa lo mba wokubuyiselwa komhlaba ngokukhawuleza."

Ukulungisa iimpazamo zexesha la-ngaphambili

UMongameli uthelo urhulumente usebenza ngamandla ukulungisa izinto ezinga-

hambanga kakuhle ngeminyaka yengcinezelo nasekuskeleni kokuqala kolawulo lwentando yesinanzi.

"Sikwenza oku ngokunika imbeko kwabo babesakuphila phakathi kwethu; ababehlala apha."

Ukubuyiselwa komhlaba kubalulekile ekuphuculenii ukubakho kokuya kweli lizwe, ukwakha uqoqosho olubandakanya wonke umntu, kunye nokubonelela ngekamva elingcono kubo bonke abemi boMzantsi Afrika, wongeze watsho uMongameli.

Ubongoze abalimi baseTafelkop ukuba bawusebenzise ngobunono umhlaba kwaye baxhamlise uluntu.

"Kum, le mini ibe lelonasuku luhle kakhulu elulawulweni; ukuphequla umhlaba niqhumise uthuli ndize ndibone imveliso yenu.

"Andithandabuzi ukuba ngokuzimisela kunye namandla wabo bonke ababandakanyekayo, le projekthiza kuqhubeka nokukhula," utshilo.

Usihlalo woMbutho waBalimi baseTafelkop, uJerry Sefoloshe ubulele urhulumente ngokwenza abalimi ukuba babe nakho ukuba ngabanini bomhlaba abawusebenze iminyaka engamashumi amininzi. ①